



Nceda!

Ndingayifunda
njani **iBhayibhile**
yam?



Owona myalezo ubalulekileyo
onokuwufumana!



Yintoni iBhayibhile kwaye kutheni kufuneka ndiyifundile?

IBhayibhile yincwadi kaThixo athetha kuyo nathi. Simamela iliZwi lakhe sifunde nangendlela afuna siphile ngayo. Kuba iliZwi likaThixo liphilile, linamandla okusitshintsha.



Ngako oko, ukufunda iBhayibhile kungayitshintsha impilo yam? Ingantoni iBhayibhile kanye kanye?

IBhayibhile yincwadi yembali, incwadi yomthetho nencwadi egcwele ngamabali, imibongo, izifundo zobomi namazwi entuthuzelo. Ngaphezu konke, libali lothando lukaThixo kuwe nakum.



Iyincwadi enkulu nje, ndingayiqala phi?


Naxa iBhayibhile iyeyona ncwadi inkulu oya kuze uyifunde, iyingqokelela yeencwadi. Zingamashumi amathandathu anesithandathu zizonke ezo ncwadi.



Andisoze ndibenako ukufunda iincwadi ezininzi kangako ebomini bam!



Phola! Yicinge njengethala leencwadi apho ukhetha incwadi ibe nye ofuna ukuyifunda. Akuyomfuneko ukuzifunda zonke ngaxeshanye. Ungafunda nje izahluko okanye iivesi ezithile encwadini ngexesha.



khangela



Ndenze njani xa ndingayiqondi?

Musa ukunikezela lula. Qala ngebali ukuzenzela lula! Uya kumangaliswa yindlela ekulula ngayo ukuyifunda iBhayibhile.



Kulungile Masizame!





Masiqale ngebali lenkwenkwe eyabaleka ekhayeni layo **ku-uLuka 15:11-14**.



Unyana wolahleko

¹¹ Waqhuba uYesu wathi: “Umntu othile wayenoonyana ababini. ¹² Yathi ke inci kuyise: ‘Bawo, ndinike isabelo sempahla elilungelo lam.’ Wababela ke impahla leyo. ¹³ Kwathi, kungekabi ntsuku zingaphi, inci yathatha konke okwayo, yemka kwelakowayo, yaya ezweni elikude, yaza yathi khona apho yayichitha impahla yayo ngokungakhathali. ¹⁴ Kwathi yakuba iyichithe yonke, kwabakho indlala enzima kwelo zwe, yaza yaswela nayo.”



Kwenzeka ntoni okulandelayo?

Zifumanele ngokwakho! Funda **uLuka 15:11-32**.



Ndiza kuyenza njani loo nto!

Landela imiyalelo ekwicandelo “elingeNdlela yokuFunda iBhayibhile”.



Ingaba kunzima? Andizange ndayenza loo nto ngaphambili.

Kufana nokufunda ukuqhuba ibhayisekile! Kuthi kungadlulanga ixesha elininzi, ube sele ukwazi ukuyiqhuba. Vula iBhayibhile yakho, siqalise!



Lunga, lunga, masiqalise!

Indlela yokufunda iBhayibhile



khangela



Ukujonga-jonga iBhayibhile kuquka ukukhangela **incwadi**, **isahluko nevesi**. Eyona ndlela ilula yokufunda kukuzama ukufumana umzekelo othile: Masifumane ke **uLuka 15:11-32**.



Wowu! Imibala iyenza ibe lula ngolona hlobo!

Khumbula ukuba kukho iTestamente eNdala neTestamente eNtsha.

Inyathelo 1:




Jonga iphepha lesiqulatho elisekuqaleni kwiBhayibhile yakho. Jonga **uLuka!** Ukw iTestamente entsha. Ngoku tyhila kwiphepha elisekunene.

Uyifumene!



Inyathelo 2:

khangela



walilwa kokugqibeleni. Iyona, uze oye kubalala ke kuthi abafika nez: Tyhila, ayakela ebe ngabo bonke abantu wonke umntu iyona, acatshelayo oya kulowo wengenamandla, e esidwini, aze a, tabontakwena, mawane bakho ngqinise kakazama, ero kowe. ¹³ Tyhila xa mahwempu, izigwenia, echeleleka ke, kuba omnye bono - wena kwandlangisa."

Yona (Mat 22:1-10)

Uzinto omnye kwabo ayifuna, wathi kuye: abancwane esidwini ayiz: "Umntu othile wena abantu abantoni. ayikho ukuba abantu oye kuba bona kuba kuba

abantu abantoni, echeleleka ukuba umntu an izinto kokuyayika? ²⁰ Kungajalo, kankathi sekwenza izinto, ngathi nako ukugqiba, baze bonke ababandayo baklekile ngaye. ²¹ Bonke: "Lo mntu wawula abawka, wathobwa kokugqiba."

²² "Kunanjalo ngawoqibi na ukomkani onokuthi enya kuyibona omnye emfazweni, angathi ngomnye, abhenge kugqiba ukuba wathi na ukomkani nethaba abantlwalwalelayo kugqibambani amabini amaweka kona, emiboneni iyive lamaweka amajoni kugqiba oye yena? ²³ Ukuba ke ukuziko, ubi evi ude omnye ukomkani, abomole izigqinisi, acile imiphango yezona. ²⁴ Ngokukwajalo ke, wonke umntu kuzi ngantshiyiyo noko izinto anazo, akanakho ngantshiyi wani."

Iyona engenasenzo (Mat 5:12, Matu 9:5): ¹⁸ Tyhila ibhenge, kubona ukuba ke ayiba nomnye ayikho na ukuyibonisa omnye? ¹⁹ Ayikwengqinisa umkhosi, ingwengqinisa kokugqiba. Iyakubwa, ayikho ke nokuba malere."

15 ukubakho ngawoqibi ayayikabakho (Mat 12:12-14) Ke kakhulu izinto ezintzi ezintzi ezintzi ezintzi ayayikabakho, ayayikabakho ukuba umpholaphole. ² AbaFarisi

Funa inombolo yesahluko – inombolo engqindilili ekuqaleni kwecandelo ngalinye. Tyhila amaphepha ude ufike **kwiSahluko 15**.

Ndiyifumene, ndenze ntoni ke ngoku?





Inyathelo 3:

Iwemali obelulahlekile.' ¹⁰Ngokunjalo ndithi kuni kuya kubakho uvuyo kwizithunywa zikaThixo ngomoni omnye oguqukayo."

Umzekeliso ngomntu noonyana bakhe ababini

¹¹Waqhuba uYesu wathi: "Umntu othile wayenoonzana ababini. ¹²Yathi ke inci kuyise: 'Bawo, ndinike isabelo sempahla elilungelo lam.' Wababela ke impahla leyo. ¹³Kwathi, kungekabi ntsuka zingaphi, inci yathatha konke okwayo, yemka kwelakwayo, yaya ezweni elikude, yaza yathi khona yayichitha impahla yayo ngokungakhatha. ¹⁴Wathi yakuba iyichithe yonke, kwabakho imalala enzima kwelo zwe, yaza yaswela nayo. ¹⁵Ke yona yaya kusebenza konye kubemi belo zwe, owathi yena wayithumela emasimini akhe ukuba iye kwalisa iihagu. ¹⁶Ke ibinqwenela ukutya amaxolo awayetyiwa ziihagu ezo, kodwa kwakungekho mntu uyiphayo. ¹⁷Ke

khangela



Uyawabona amanani abhalwe kancinane phantse kuyo yonke imigca?



Ewe, ndiyawabona!

La manani abonisa iivesi. Kulo umzekelo sifuna ukufunda ukusuka **kwivesi ye-14**. Qhuba ufunde ude ufike **kwivesi 32**. Thatha ixesha lakho!



Ewe ndiqqibile! Yho, lo mfana undikhumbuza udade wethu! Ukhohlakele ...





Yintoni ofuna ukuyibona ngoku?



Oo! Ndimfumana phi u“Bawo wethu oseZulwini”?

Ukufumana u“Bawo wethu oseZulwini” jonga **uMatewu** kwiphepha lesiqulatho. Yincwadi yokuqala kwiTestamente eNtsha. Ngoku jonga inani elibhalwe **ngqindilili**, u **6**. Emva koko funa amanani amancinane ukusuka ku-**9** ukuya ku-**13**.



Tyhini ibingenzimanga le nto! 🙌

Njengoko uphumelele iimvavanyo ezimbini zokuqala ngokugqwesileyo, ufanele ukuba nako ukuzifumanela uzifundele nasiphi na isalathiso seBhayibhile. Ziqhelise ukujonga zonke iivesi kwesi sikhokelo!



Oo! Ndiqale phi?





Ingaba ufuna ukuqonda apho yaqala khona yonke le nto? Funda izahluko ezithathu zokuqala zencwadi yeGenesis (EyeziQalo). Yincwadi yokuqala le eBhayibhileni kwaye ikwiTestamente eNdala. Qala kwiSahluko 1 ivesi 1 uqhuba uye kwiSahluko 3.



Ingaba kulapha uAdam no Efa badibana khona nenyoka?

Ewe, kodwa ungafunda ngako konke oku kunye namanye amabali kwezi zahluko.



Ndikhangele phi xa ndifuna intuthuzelo nesikhokelo?

Zama iiNdumiso. Ungazikhumbula ezinye eziqhelekileyo ezifana neNdumiso 23 ne Ndumiso 121.



Oo! Ndiyayazi "NguNdikhoyo umalusi wam ..."!!!

Injalo ngqo! Ngoku masifunde okunye.



Njengantoni?





Ukuba ufuna ukwazi ngakumbi ngobomi bukaYesu nabafundi bakhe qala ngencwadi kaLuka.



Phofu, incwadi ezine zokuqala zeTestamente eNtsha zibizwa ngokuba zincwadi zeGospile. Ezi ncwadi zixela ibali lobomi bukaYesu emhlabeni ukuqala ekuqaleni ukuya ekugqibeleni.



Zindaba ezimnandi ezo!

Ngokuqinisekileyo! Leyo yintsingiselo yegama elithi "iGospile". Masiqale ngencwadi kaLuka. Le ncwadi ithetha ngebali lobomi nomsebenzi kaYesu emhlabeni, indlela awabaphilisa ngayo abantu, izinto awabafundisa ngazo ngobukumkani bukaThixo, igqibele ngokubethelelwa kwakhe emnqamlezweni, ukuvuka kwakhe kwabafuleyo anyuke aye ezulwini.



Kodwa ndifuna ukwazi okwathethwa nguYesu!





Funda **uMatewu 5, 6** no **7**. Kwezi zahluko uYesu usixelela indlela yokuphila, ukuphatha abanye abantu, nendlela eyiyo yokuziphatha ebomini. Incwadi kaMatewu, ekaMarko nekaYohane zisixelela ngobomi bukaYesu emhlabeni.



Indinceda njani iBhayibhile kubomi bam bemihla ngemihla?

iBhayibhile yincwadi yothando lukaThixo kuthi! Sebenzisa ubugcisa bakho bokuhamba ufuna ulwazi ukuze ufumane ezi ncwadana zothando eBhayibhileni.



INDumiso 36:5-9 – Funda ngokulunga kukaThixo.

INDumiso 139:15-16 – Wenziwe ngezandla zikaThixo!

KwabaseRoma 8:38 – UThixo akasiyekeleli!

1 kaYohane 4:19 – Siyathanda kuba uThixo waqala wasithanda.

Hee, ingaba ubusazi ukuba iBhayibhile ifana nokutya komphefumlo?





khangela

Njani?

Funda **uYohane 6:35**.

Ungakwazi ukuzikhumbula zonke izidlo owakhe wazidla ebomini bakho?

Inoba uyadlala!

Ngaphandle kokutya ubungasoze ukhule ube namandla nempilo. Kukwanjalo nakwiBhayibhile. Akunako ukukhumbula yonke into owakhe wayiva okanye wayifunda eliZwini. Ubuya kondliwa yintoni umphefumlo wakho xa ubuvinjwa ilizwi likaThixo?





Ingaba iBhayibhile ayizelanga yimithetho nemigaqo? Kwenzeka ntoni xa siyophula?

Ubusazi ukuba ukulandela imithetho esiyinikiweyo eBhayibhileni kufana nokudlala umdlalo?



Kunje ngokudlala ibhola ekhatywayo okanye eyomnyazi?

Imithetho ikho ukunika wonke umntu ithuba elifanelekileyo lokukhuseleka nokukhokelwa. UThixo wasinika imithetho ukuze sikhuseleke nokusibonisa indlela yokuphila. Jonga ku **EyeMfuduko (iEksodus) 20:3-17** usebenzisa imibala, ulandela amanyathelo 1-3!



Ngoko, ukuze udlale umdlalo kufuneka ufunde imithetho?

Sowutshilo! Nasi isicwangciso sakho sikaThixo ngawe.



**EyeMfuduko (iEksodus) 20:3**

Umthetho 1:

UTHixo ngaphezu kwento yonke!

**EyeMfuduko (iEksodus) 20:4-5**

Umthetho 2:

Ngubani isithixo sakho?

**EyeMfuduko (iEksodus) 20:7**

Umthetho 3:

Lumkela ulwimi lwakho!

**EyeMfuduko (iEksodus) 20:8-10**

Umthetho 4:

Phumla ngomhla

wesixhenxe – ngumyalelo lowo!

**EyeMfuduko (iEksodus) 20:12**

Umthetho 5:

Phatha abazali bakho

ngentlonipho!





EyeMfuduko (iEksodus) 20:13

Umthetho 6:
Uze ungabulali!



EyeMfuduko (iEksodus) 20:14

Umthetho 7:
Uze ungakrekezi!



EyeMfuduko (iEksodus) 20:15

Umthetho 8:
Musa uze ungebi!



EyeMfuduko (iEksodus) 20:16

Umthetho 9:
Thetha inyaniso!



EyeMfuduko (iEksodus) 20:17

Umthetho 10:
Musa ukuba nomona!





Mininzi loo mithetho!

Ngoku funda isishwankathelo semithetho kaYesu **kuMatewu 22:37-40!**



Yintoni kanye isono?

Sicinge isono njengento emdaka okanye ukukhabela ecaleni! Jonga umthetho **ku-1 kwabaseKorinte 9:24-27.**



Ngako oko, isono sithetha ukungadlali umdlalo ngokwemithetho?

Ndicinga njalo. Jonga **kuYohane 3:16-17.** Emnqamlezweni kwaphalala igazi likaKrestu ukuze sixolelwe izono. Ubethelelo lwakhe lusivumela ukuba siqale ekuqaleni. UThixo uyasosula isibhalo setyala!



Ngako oko xa sisenza okungalunganga, oko "asikokuphela komdlalo"?

Ngokuchanekileyo! Yilento siyibiza ngokuba bubulungisa bukaThixo nofefe lwakhe.






Mandiyicacise ngolu hlobo:

Jonga ezi vesi ubone oko ndikuthethayo.

INdumiso 32:1-5 😊

UMatewu 18:21-22



2 kwabaseKorinte 2:7 Baxolele abanye. 🤝

Kufuneka ndiyifunde kangaphi iBhayibhile?

Ukuba ikukutya komphefumlo, kulungile ukuyifunda kangangoko unako. Ukuba ufuna ukukhula womelele elukholweni lwakho, kufuneka ukusebenzele oko! Yenza njengoko wenza njalo uYesu:

Kwathi kusesekuseni kakhulu, kusemnyama, wavuka uYesu, waya kuthandaza ngasese.

UMarko 1:35





Qaphela. Makungabikho mabonakude okanye ifowuni ezakuphazamisa!



Isilumkiso!
Ukufunda iBhayibhile
kungabutshintsha ubomi bakho!



NjengeLizwi likaThixo libeka imithetho yokuphila, likubonisa iziphumo zokuthobela nokungathobeli.



Ngoko ke ukuba ndenza izinto ezingalunganga, ndingazenzakalisa, ndenzakalise nabanye abantu!

Ngokuqinisekileyo! Ngaphezu koko, likuqinisekisa ngothando olungapheliyo lukaThixo noxolelo lwakhe.



Into emnandi ngesicwangciso sikaThixo kukuba, siyaphumelela!



Ngokuqinisekileyo!



Khumbula!





Ungumntwana kaThixo – **UYohane 1:12**
UTHixo wanikezela ngonyana wakhe ukuze
akuhlangule! – **UYohane 3:16**
Ningamalungu omzimba kaKrestu –
1 kwabaseKorinte 12:27
Ukhuselekile ngoba akukho namnye onokohlula
kuthando lukaThixo – **KwabaseRoma 8:35-39**
Ungumntu kuba wonyulwa nguThixo –
UYohane 15:16

Zindaba ezimnandi ezi!

UYesu ngumzekelo wakho wokulandela umdlalo
wobomi bakho!



Khumbula isitshixo sosindiso **sikuYohane 3:16**.



Yhooo! Andinako ukulinda de ndiqalise ukufunda
iBhayibhile yam ukuze ndikwazi ukulandela
isicwangciso somdlalo wobomi bam!



Uncedo neengebiso ezifumaneka eBhayibhileni

Intle bendwane	Kwabase-Efese 4:29
Ixhala	INdumiso 46
Ubulolo	INdumiso 40:1-3
Ubungqina	UMsebenzi wabaThunywa 1:8
Ukulingwa	2 kuTimoti 2:22
Ukungaziphathi kakuhle	Kwabase-Efese 5:15-18
Ukuthandana	1 kaPetros 4:8
Ukuthuka	EkaYakobi 3:8-9
Umsindo	Kwabase-Efese 4:31
Umzimba	1 kwabaseKorinte 6:19-30; 15:35-37
Unxunguphalo	KwabaseRoma 8:28-39
Uxinzelelo lwabalingane	Izafobe 1:8-19

ISBN 978-0-7982-1982-2 (Epub)

ISBN 978-0-7982-1983-9 (Mobi)

ISBN 978-0-7982-1984-6 (PDF)



Published and distributed by the
Bible Society of South Africa.
www.biblesociety.co.za